## ZISETYENZISWA NJANI IIBHASI ZE-MYCITI

Ayamkelwa imali kwiibhasi ze-MyCiTi. Bonke abasebenzisi abangaphezu kweminyaka emine mababe nekhadi labo le-**my**connect elinemali yokuhamba. Amakhadi axabisa ama-R25 lilinye.

Iindleko zokuhamba zibalwa ngokomgama owuhambayo yaye zitsalwa kwikhadi lakho. Xa ukhwela ibhasi ye-MyCiTi kufuneka uthi qhwi ikhadi ngokubeka ikhadi le-**my**connect kumatshini ojonga ukuba semthethweni kwalo xa ukhwela ebhasini, ze uphinde ulithi qhwi ikhadi lakho le-**my**connect kumatshini ojonga ukuba semthethweni kwalo xa usihla ebhasini. Kufuneka uyenze kakuhle le nto okanye uya kuhlawuliswa iindleko zesohlwayo.

## ZIFUMANELE IKHADI LAKHO LE-MYCONNECT

Iivenkilana ezikwizikhululo ze-MyCiTi zithengisa amakhadi e-**my**connect ngexabiso lama-R25 lilinye kufakwe imali kwelo khadi ngokwamaxabiso asemthethweni (naliphi ixabiso) okanye ngokwamanqaku anendleko zokuhamba (R80, R100, R150, R200, R400, R600 okanye R1 000). Ungahamba kakhulu ngamanqaku okuhamba kuba wonga ubuncinane umyinge wama-20% kwiindleko zokuhamba.

Sicebisa ukuba utyelele isikhululo se-MyCiTi kwiintsuku ezimbalwa phambi kokuqalisa inkonzo entsha ukuze uthenge ikhadi le-**my**connect, ufake imali kulo ze ufumanise ngakumbi ngendlela esebenza ngayo le nkqubo. Kukho iivenkilana kwisikhululo seebhasi eCivic Centre, eThibault Square, eGranger Bay nase-Gardens. Isikhululo esitsha sase-Queens Beach eBeach Road, eSea Point, ziya kuvulwa ukuba zisebenze intsuku ezimbalwa phambi kokuba kumiselwe ezi nkonzo ngomhla we-2 Novemba 2013.

Iivenkile ezikhethiweyo nazo ziyawathengisa amakhadi e-**my**connect yaye zifaka nemali yokuhamba efanelekileyo. Ukufumana uluhlu olupheleleyo lweevenkile neevenkilana jonga le webhusayithi: www.myciti.org.za okanye utsalele kwa-0800 65 64 63 (inombolo yasimahla xa utsala kumnxeba wasendlwini yaye ivula iiyure ezingama-24/7).

## INDLELA YOKUBALA IMALI OZA KUYIHLAWULA

Ingaba uyamkhwela uMyCiTi? Yonga i-20% nangaphezulu ngepakeji yaBaKhweli bakaMyCiTi efumaneka kwivenkile ezisesitishini zikaMyCiTi. Faka i-R80, R100, R150, R200, R400, R600 okanye i-R1 000 kwikhadi lakho le-**my**connect.

*Ewe?* → MyCiTi Mover fares

*Hayi?* → MyCiTi Standard fares

Ingaba ukhwela ibhasi xa iindlela zixakekile zizithuthi ezininzi (evekini ngo-06:30 - 08:30 okanye ngo-16:00 - 18:00) okanye xa iindlela sele zingaxakekanga (onke amanye amaxesha abandakanya iimpelaveki neeholide zikawonke-wonke)?

*MyCiTi Mover fares*

| | 0-5 km | 5-10 km | 10-20 km | 20-30 km | 30-60 km | > 60 km |
|---|---|---|---|---|---|---|
| *Peak* | R5.20 | R6.10 | R7.40 | R9.80 | R10.90 | R16.20 |
| *Saver* | R4.40 | R5.00 | R6.10 | R8.00 | R9.00 | R14.10 |

*MyCiTi Standard fares*

| | 0-5 km | 5-10 km | 10-20 km | 20-30 km | 30-60 km | > 60 km |
|---|---|---|---|---|---|---|
| *Peak* | R6.80 | R7.90 | R9.60 | R12.70 | R14.30 | R21.10 |
| *Saver* | R5.70 | R6.50 | R7.90 | R10.50 | R11.70 | R18.30 |

*Kwiihambo ezikunxulumanisa kwiSikhululo seeNqwelo-moya kufuneka wongeze ama-R51.90 (ixabiso lesiqhelo) okanye ama-R35.70 (ixabiso le-Mover).*

MyCiTi
*Siyajikeleza. Laat Wiel. Going Places.*

ISIXEKO SASEKAPA
ESI SIXEKO SISEBENZELA WENA
TCT ISITHUTHI SASEKAPA

Ukufumana inkcukacha ezongezelelekileyo: tsalela umnxeba kwiziko lenkcukacha zothutho (umnxeba ongahlawulelwayo 24/7) 0800 65 64 63
Yiya ku www.mycity.org.za

# ZILUNGISELELE I-MYCITI

*Novemba 2013*



## *Inkonzo entsha yeebhasi ze-MyCiTi kummandla we-City Bowl nase-Sea Point iza kumiselwa ngomhla we-2 Novemba 2013*

*Inkonzo yeebhasi ze-MyCiTi ngoku sele ikulungele ukumiselwa kummandla we-Sea Point, eVredehoek nase-Oranjezicht. Oku kuthetha ukuba abakhweli mabazifumanele amakhadi abo e-**my**connect ukuze basebenzise le nkonzo intsha kraca.*

Ngokuvulwa kweendlela ezintsha, iibhasi zakwa-Golden Arrow neeteksi ezisebenza kwezi ndlela ziza kucuthwa de zipheliswe tu ngokwezigaba. Oku kuthetha ukuba abasebenzisi bezi nkonzo kufuneka balungele ukusebenzisa iibhasi ze-MyCiTi.

Iindlela ezintsha zezi:

- **101** Vredehoek - Gardens - Civic Centre
- **103** Oranjezicht - Gardens - Civic Centre
- **104** Sea Point - Waterfront - Civic Centre
- **105** Sea Point - Fresnaye - Civic Centre

Iibhasi ze-MyCiTi ziyinxalenye yenkqubo ehlanganisiweyo yezithuthi ezikhawulezayo yesiXeko saseKapa, nemiselwa kwiKapa liphela. Yinkonzo ecwangcisiweyo efikelelekayo, ekhuselekileyo, nethembekileyo. Unakho ukukhwela ibhasi ye-MyCiTi kwizikhululo ze-MyCiTi okanye kwizikhululo zeebhasi. *Jonga imephu engaphakathi ukubona iindlela neendawo ezimisa kuzo.*



*Iinkonzo zeebhasi ze-MyCiTi ziya kusebenza kwiindawo ezininzi ukususela ngomhla we-2 Novemba 2013.*

### *Ukupheliswa kweenkonzo zeebhasi neeteksi*

Ukuba ungumsebenzisi wezithuthi zoluntu rhoqo kummandla we-Sea Point ne-City Bowl nceda uqaphele ukuba ukususela ngomhla we-2 Novemba ezi nkonzo zilandelayo ziya kupheliswa:

- iiteksi ezingama-32 ezisebenza eVredehoek nase-Oranjezicht.
- iiteksi ezili-133 ezisebenza eBeach Road nase-High Level Road eSea Point.
- iinkonzo zeebhasi zakwa-Golden Arrow ezisuka e-V&A Waterfront ukuya kumbindi wedolophu eKapa.
- inkonzo yeebhasi zakwa-Golden Arrow ezisebenza eBeach Road, eSea Point.

Abasebenzisi bezi nkonzo kufuneka balungele ukukhwela iibhasi ze-MyCiTi ngokuzithengela amakhadi e-**my**connect anemali eyaneleyo ukuba bahambe ngebhasi.

# INKCAZA YEMEPHU: MYCITI CITY BOWL NASE-SEA POINT




# IISHEDYULI

### 101 *Vredehoek - Gardens - Civic Centre*

**NgoMvulo ukuya ngoLwesihlanu**

| | |
|---|---|
| 06:10 – 06:50 | kwimizuzu engama-20 |
| 06:50 - 09:10 | kwimizuzu eli-10 |
| 09:10 - 15:30 | kwimizuzu engama-20 |
| 15:30 - 18:30 | kwimizuzu eli-10 |
| 18:30 - 22:50 | kwimizuzu engama-20 |

**NgeMigqibelo, ngeeCawa nangeentsuku zeholide**

| | |
|---|---|
| 06:50 - 22:50 | kwimizuzu engama-30 |

### 101 *Civic Centre - Gardens - Vredehoek*

**NgoMvulo ukuya ngoLwesihlanu**

| | |
|---|---|
| 05:45 - 06:25 | kwimizuzu engama-20 |
| 06:25 - 08:45 | kwimizuzu eli-10 |
| 08:45 - 15:05 | kwimizuzu engama-20 |
| 15:05 - 18:05 | kwimizuzu eli-10 |
| 18:05 - 22:25 | kwimizuzu engama-20 |

**NgeMigqibelo, ngeeCawa nangeentsuku zeholide**

| | |
|---|---|
| 06:30 - 22:30 | kwimizuzu engama-30 |

### 103 *Oranjezicht - Gardens - Civic Centre*

**NgoMvulo ukuya ngoLwesihlanu**

| | |
|---|---|
| 05:55 - 06:35 | kwimizuzu engama-20 |
| 06:35 - 09:05 | kwimizuzu eli-10 |
| 09:05 - 15:30 | kwimizuzu engama-23 |
| 15:30 - 18:50 | kwimizuzu eli-10 |
| 18:50 - 22:50 | kwimizuzu engama-20 |

**NgeMigqibelo, ngeeCawa nangeentsuku zeholide**

| | |
|---|---|
| 06:40 - 22:40 | kwimizuzu engama-30 |

### 103 *Civic Centre - Gardens - Oranjezicht*

**NgoMvulo ukuya ngoLwesihlanu**

| | |
|---|---|
| 05:35 - 06:15 | kwimizuzu engama-20 |
| 06:15 - 08:45 | kwimizuzu eli-10 |
| 08:45 - 15:10 | kwimizuzu engama-20 |
| 15:10 - 18:10 | kwimizuzu eli-10 |
| 18:10 - 22:30 | kwimizuzu engama-20 |

**NgeMigqibelo, ngeeCawa nangeentsuku zeholide**

| | |
|---|---|
| 06:20 - 22:20 | kwimizuzu engama-30 |

### 104 *Sea Point - Waterfront - Civic Centre*

**NgoMvulo ukuya ngoLwesihlanu**

| | |
|---|---|
| 06:35 - 21:50 | kwimizuzu engama-20 |

**NgeMigqibelo, ngeeCawa nangeentsuku zeholide**

| | |
|---|---|
| 07:00 - 22:00 | kwimizuzu engama-30 |

### 104 *Civic Centre - Waterfront - Sea Point*

**NgoMvulo ukuya ngoLwesihlanu**

| | |
|---|---|
| 06:00 - 22:20 | kwimizuzu engama-20 |

**NgeMigqibelo, ngeeCawa nangeentsuku zeholide**

| | |
|---|---|
| 06:30 - 22:30 | kwimizuzu engama-30 |

### 105 *Sea Point - Fresnaye - Civic Centre*

**NgoMvulo ukuya ngoLwesihlanu**

| | |
|---|---|
| 05:50 – 06:30 | kwimizuzu engama-20 |
| 06:30 – 09:25 | kwimizuzu eli-10 |
| 09:25 – 14:45 | kwimizuzu engama-20 |
| 14:45 – 18:25 | kwimizuzu eli-10 |
| 18:25 – 22:00 | kwimizuzu engama-20 |

**NgeMigqibelo, ngeeCawa nangeentsuku zeholide**

| | |
|---|---|
| 06:15 – 22:15 | kwimizuzu engama-30 |

### 105 *Civic Centre - Fresnaye - Sea Point*

**NgoMvulo ukuya ngoLwesihlanu**

| | |
|---|---|
| 05:27 – 06:07 | kwimizuzu engama-20 |
| 06:07 – 08:57 | kwimizuzu eli-10 |
| 08:57 – 14:17 | kwimizuzu engama-20 |
| 14:17 – 18:10 | kwimizuzu eli-10 |
| 18:10 – 22:30 | kwimizuzu engama-20 |

**NgeMigqibelo, ngeeCawa nangeentsuku zeholide**

| | |
|---|---|
| 06:15 – 22:20 | kwimizuzu engama-30 |

# IIVENKILE ZENGINGQI

*Unakho ukuzithengela ikhadi lakho le-**my**connect kwizikhululo zeebhasi ze-MyCiTi okanye ezivenkileni, kuqukwa nezi ndawo zilandelayo:*

**Total**
24/7
345 Main Road, Sea Point
021 439 4045

**Shell Select Convenience Store, Vic Proctor Motors**
24/7
79 Beach Road, Green Point
021 434 8009

**Kwikspar**
Mon-Sun: 07:00 to 21:00
37 Derry Street, Vredehoek
021 461 4455

**Oranje Service Station**
24/7
27 Annandale Road, Gardens
021 461 4320